

# IFOMU YOKUBHUKISHA ISIKHULULO SOKUHANJISWA KWENKUNKUMA SASE-ATHLONE (ARTS) IZIKO LOVIMBA

Zalisa ifomu uyithumele ngefeksi kuLawulo lweNkunkuma: Ukufundiswa noKwaziswa koLuntu  
kwa-021 400 5922.

Igama lesikolo/iqela/umbutho:
Igama likatitshala/umququzeleli:
linkcukacha zoqhagamshelwano zikatitshala/umququzeleli: • Umnxeba: • IFeksi: • I-imeyile:
linkcukacha zomndwendweli: • Inani labafundi/abandwendweli: • Ibanga labafundi: • Ubudala obuyi-avareji beqela ukuba ayingobafundi: • Inani labongameli abadala: • Ulwimi olukhethwayo: <small>Utyelelo lwenziwa ngeSingsesi, ISibhulu okanye iSixhosa.</small>
Umhla wotyelelo
Ixesha lotyelelo

Uya kufumana isiqinisekiso sokubhukisha kwakho ngefeksi okanye nge-imeyile kwisithuba seentsuku ezintathu zokusebenza Ezinye iikopi zeefomu zokubhukisha nezemvume zifumaneka kwiwebhusayithi yeBhunga; [www.capetown.gov.za/solidwaste](http://www.capetown.gov.za/solidwaste).

## Imiqathango nemithetho yokhuseleko:

I-ARTS sisiza esisebenzayo esinemithetho yokhuseleko ephatheleneyo. Xa utyelela IZiko loVimba I-ARTS, le mithetho iya kuca-ciswa kubafundi/abatyeleli ngomqathango wokuba ithotyelwe ngawo onke amaxesha. IBhunga linelungelo lokurhoxisa okanye ukunciphisa utyelelo xa ithe le miqathango ayathotyelwa.

## Imiqathango yokubhukisha:

- Utyelelo kwi- ARTS lilungele abafundi bebanga lesi-4 ukonyuka.
- Onke amaqela esikolo/abantwana kufuneka babe phantsi kolawulo lomntu omdala. Amaqela esikolo/abantwana bayacelwa ukuba bagcine ubuncinane utitshala/umntu omdala omnye kubafundi/abantwana abali-10 ngalinye.
- Iqela ngalinye malingibi nabantu abanga phezu kwe 30. Kungacelwa utyelelo olwahlula-hluliweyo ukulungiselela amaqela amakhulu. Oku kuxhomekeke ekubeni kubukho kwabasenzi.
- Utyelelo kwi-ARTS kufuneka lubhukishwe ubuncinane ikota enye phambi kwexesha. Isebe loLawulo lweNkunkuma, liya kuzama ukumelana nokubhukisha ngexesha elifutshane.
- Ukubhukisha okubambelayo kungenziwa ngefeksi kwi-ofisi yokubhukisha yoLawulo lweNkunkuma.
- Makwenziwe isaziso esibhaliweyo sokurhoxisa utyelelo iiveki ezimbini ngaphambi komhla obhukishiweyo.

INTLOKO: UKUFUNDISWA NOKWAZISWA KOLUNTU

ICANDELO LOLAWULO LWENKUNKUMA

ACHMAT EBRAHIM

UMPHATHI WESIXEKO



CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA

# IFOMU YEMVUME

## ISIKHULULO SOKUHANJISWA KWENKUNKUMA SASE-ATHLONE (ARTS) IZIKO LOVIMBA

Mzali/mlondolozisi obekekileyo

Ngo-2002/3, izigidi ezi-2,3 zenkunkuma eninzi yenziwa ngabahlali, abatyeleli namashishini eKapa -oku kuphantse kube yi-2 kg ngomntu ngamnye ngemini ubuncinane. Ukwenziwa kwenkunkuma kukhula phantse nge-7% ngonyaka- ngokhukhawuleza kwenani lokukhula kwabemi le- 1,7%. Amanxiwa okugqumelela inkunkuma amathathu eSixeko sele evaliwe, kwaye amathathu aseleyo ayazala ngokhukhawuleza.

Isebe loLawulo lweNkunkuma leSixeko lizimisele ukudala ulwazi nempembelelo yolawulo lwenkunkuma, nembuyekezo yolawulo lwenkunkuma oluhlanganisiweyo. Ootitshala, abafundi nentsapho zabo bayinxalenye yelilinge lesiSixeko. Ukwenzela ukwazisa abafundi kuhambo lomsinga wenkunkuma, iSixeko sinika abafundi ithuba lokutyelela esinye sezikhululo zaso sotshintsho lwenkunkuma.

Isikhululo soTshintsho lweNkunkuma sase-Athlone (ARTS), esineminyaka esibhozo sikhona, silungisiwe savulwa kanye ukunika abatyeleli isenzeko semfundo ngokusebenzisana kulawulo lwenkunkuma, ukucwezela Inkunkuma nokulahlwa kwenkunkuma igendlela eyayo. Utyelelo kwi- ARTS lunika ootitshala nabafundi ingqiqo kuhambo lomsinga wenkunkuma.

### Imithetho yokhuseleko yabatyeleli kwi-ARTS:

Utyelelo kwi-ARTS luya kuthi lwenzeke phantsi kwenkokhelo yabasebenzi abaqeqeshiweyo. Nanjengoko isisiza sokusebenza, inemithetho nemigaqo yokhuseleko engqongqo. Bonke abatyeleli kufuneke beyithobele le mithetho, kwaye batyikitye ifomu yokhuseleko.

- Nxiba izihlangu ezivalekileyo ezingatyibilikiyo.
- Uya kunikwa ibhib. Yinxibe ngawo onke amaxesha, uyibuyise emva kotyelelo kwiziko.
- Hlala neqela lakho nenkokheli yakho, ungazuli.
- Yimamele inkokheli yakho.

Mna, otyikitywe ongezantsi ..... (igama elizeleyo lomzali/umlondolozisi)  
..... (idiles),  
ongumzali /umlondolozisi ka ..... (igama elizeleyo lomntwana), ngoku ndenza Isicelo  
sokuba umntwana wam athathe Inxaxheba kutyelelo olwenziwa liCandelo loLawulo lweNkunkuma leSixeko saseKapa oluya  
kwiZiko loVimba i-ARTS ngowama/ ngowe..... (umhla).

Inombolo yomnxeba yomzali/umlondolozisi:..... (eyomsebenzi)..... (enye)  
likagqirha..... Inombolo yomnxeba kagqirha .....

Izimo zempilo: isifo sokuma  akukho nasinye  okanye  (nika iinkcukacha) .....

Ndiyavuma ukuba umntwana wam athathe inxaxheba kolu tyelelo. Ewe  Hayi

Ndiyaqonda ngokuzeleleyo kwaye ndisamkela ukuba yonke imisetyenzana yenziwa kumngcipheko womntwana wam.

Ndiyazi ukuba iSixeko saseKapa okanye abasebenzi baso okanye ii-arhente azisayi kwamkela xanduva lwelahleko, ukonzakala okanye umonakalo olunokwenzeka emntwaneni wam okanye kwizinto zakhe ngelixa ethabatha inxaxheba kutyelelo, ndirhoxisa naliphina ilungelo endinokuba nalo mna okanye umntwana wam lokubanga imbuyekezo kwiSixeko saseKapa, abasebenzi baso okanye ii-arhente ngokuphathelene nayo nayiphina ilahleko, ukonzakala okanye umonakalo owenzeke ngelixa ekutyelelo, nokuba ivele njani na nokuba yenzeke ngenxa yokungakhathali okanye enye into, ndiyabakhusela ke ngoku kuwo onke amabango.

ITYIKITYWE E ..... NGALO MHLA ..... WE/WAMA ..... 20.....

UMZALI/UMLONDOLOZI .....

AMANGQINA: 1. ....

2. ....



CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA